**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesibini)**

# Possible Answers March 2006

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

1.1 Yintaka eyandulela intlakohlaza. (1)

1.2 Isidima sandulela amathamsanqa, uPhezukomkhono wandulela intlakohlaza. (2)

1.3
- Kuhle okukaPhezukomkhono.
- Kuhle okwentomb' eza kutshata.
- Enga ifak' esezulu.
- Sixel' iinkwenkwezi kuwe

1x2=(2)

1.4 Imigca 23 nowe 24. (2)

1.5 Imvano-siphelo. (1)

1.6 Yakha isingqisho / iyagxininisa. (1)

1.7 Uzifumane. (1)
**[10]**

### UMBUZO 2

***Aweselwa 3:*** **Kwetana W.M.**

2.1

2.1.1 Wohlal' ukhumbuleka. (1)

2.1.2 Imibuzo – buciko isivula ingqondo. /
Ibethelela ingcamango ethile ezingqondweni zethu. (2)

2.1.3 Ngumthandi welizwe / umthandi wabantu. (2)

2.1.4 Okomth' okhalimel' umoya. (1)

2.1.5 Lutyingo – tyingo
Luzwathi
Lugqoloda. (2)

2.1.6 Lo mntu mde kwaye unomzimba omncinane, uyagxanya ukuhamb' oku. (3)

2.1.7 Sithi yimfano-zandi / yimvano-siphelo. (1)

2.1.8 Ithetha ukuthi angabantu abangamancoko, aphinde abe zizibhoxi. (2)

2.1.9 Kusetywaleni. (1)
**[15]**

**OKANYE**

**UMVANDEDWA**

UMHLATHI 1
Imbongi ivula umhobe wayo ngombuzo-buciko. Lo mbuzo awufuni mpendulo, koko ifuna sinike ingqalelo kulo mntu uphethwe sesi sifo. Ifuna siqiqe ukucinga ngaso. Imigca 2 nowe 3 isebenzise uphinda-phindo lwebinzana 'akaziwa / ongaziwa mntu." Izama ukusibonisa ukuba lo mntu uphethwe sesi sifo akaziwa mntu, ngamanye amazwi iyagxininisa ukuzifihla kwakhe ebantwini. Kwakhona ngolu phinda-phindo yakha isingqisho. Kwakhona isebenzise izifaniso 'Aphel' umjongil' ang' uyasengwa' Kaloku inkomo esengwayo iyabhitya, ngoku ifanisa lo mntu unesi sifo nenkomo esengwayo. Ayithi abhitye koko ithi "Aphele' noko imbongi inayo nendawo ebaxayo apha.
'Nqwa twatsa nenj' enomzananda' Kwakhona ifanisa lo mntu unomvandedwa nenja enomzananda. Le nja ke iyabhitya, ixhwitheke noboya obu ngenxa yesi sifo. Imbongi isebenzise izifanokuthi 'Nqwa twatsa' ukusinika umfanekiso-ngqondweni othe gca ngalo mntu ubhityileyo ufana nenja enebhula. Iphinde ithi 'uchizeka vuth' okomsingizane'. Isinika umfanekiso-ngqondweni ngendlela abhitye ngayo lo mntu, imfanisa nomsingizane, Noko ikho indawo ebaxayo apha, akekho umntu onokubhitya ade alingane nomsingizane. Imbongi ikhethe ezona zifaniso zinokusinika umfanekiso othe gca ezingqondweni zethu ngendlela abhitye ngayo lo mntu unomvandedwa.

UMHLATHI 2
Apha isikrobisela ngoku kugula kwalo mntu. Ithi ukufa nomonakalo kusentliziyweni. Intliziyo ke yindawo esekusithekeni. Xa umnini kugula engayichazi imbangi yokugula kwakhe, kuba nzima kakhulu ukumnceda kuba akakhalazi. Imigca 10 nowe 11, imbongi isebenzise uchasaniso. 'ukudinga' / 'nokwanda' ngamagama amabini athetha izinto ezichaseneyo. Ithi imbongi umthombo wamanzi ujike waligazi, ikwaluchasaniso olo, 'amanzi negazi'. Lo mntu ke akulula ukumnceda kuba akayichazi into emkhathazayo.

UMHLATHI 3
Kwimigca 15 nowe 16, imbongi isebenzise uphinda-phindo. Injongo kukugxininisa ukuba oku kufa kuviwa nguye yedwa lo mntu unalo mvandedwa. Kwakhona imbongi yakha isingqisho. Omnye umntu akanakuze akwazi ukuyichaza ingxaki yalo mntu, nguye yedwa oyivayo. Ithi imbongi le ngxaki yakhe isisithukuthezi, ithetha ukuba ayipheli. Ingapheli nje inqabile awungeze ufane uyive naphina. (nakweleenkuni naw' awungeyithezi.) Ngamanye amazwi inqabile. Umgca – 21, xa usoloko umbuza ngayo uza kulwa nawe, kungcono umyeke nje, kungenjalo uya kuzinqikel 'elineembovane, okanye uya kubamb' inyok' emsileni. Umgca – 22, imbongi isibonisa ukuba lo mntu unomvandedwa akalali nasebusuku, uyalila. **[15]**

OKANYE

| | | |
|---|---|---|
| 2.3 | | |
| 2.3.1 | Intliziyo. | (1) |
| 2.3.2 | Imbongi iyagxininisa kwakhona yakha isingqisho. | (2) |
| 2.3.3 | Inzondo noxolo zifunyanwa kwakule ntliziyo inye. / Ingumkhohlisi. | (2) |
| 2.3.4 | Sitiya<br>Ungumdlungu<br>Ngumbele | (3) |
| 2.3.5 | Namanzi amdaka. | (2) |
| 2.3.6 | Kwimigca – 20 nowe 23. | (2) |
| 2.3.7 | Luchasaniso. | (1) |
| 2.3.8 | Ibonisa ukungabi nanyani kwentliziyo. | (2)<br>**[15]** |

OKANYE

| | | |
|---|---|---|
| 2.4 | | |
| 2.4.1 | Imigca – 5, 10 nowe 15. | (3) |
| 2.4.2 | Yimfano-zandi. | (1) |
| 2.4.3 | Imbongi ibonisa indlela ixhala eliwutyhutyha ngayo umzimba walo mntu uphethwe luloyiko. Isandi u- 'x' sivakalisa eli xhala analo. | (2) |
| 2.4.4 | Uloyiko. | (1) |
| 2.4.5 | Ithetha ukuthi intliziyo ilihlwili ngenxa yentlungu ebangwa kukukhathazeka ngenxa yoloyiko. | (3) |
| 2.4.6 | Ngumgca – 23 | (1) |
| 2.4.7 | Sisifaniso. | (1) |
| 2.4.8 | Imbongi ithetha ukuba uloyiko lungcungcuthekisa neentsana. | (2) |
| 2.4.9 | Kusemazantsi entliziyo. | (1)<br>**[15]** |

**[30]**

**[40]**

# ICANDELO B
## UMDLALO WEQONGA

### UMBUZO 3

*Izonzobila* – **B.B. Mkonto**

3.1

Nanzi iimpendulo eziya kulindeleka:

3.1.1 UNomafa unyanise ncam xa esithi akangoDlomo umntwana wakhe, nguQadi nozwane. Kaloku uNomafa wakhuleliswa nguDlangisa ebutsheni babo. Kwathi asakumazisa ngaloo monakalo wakhe, wakhanyela wema ngomlenze omnye uDlangisa. Wamphatha kakubi gqitha uNomafa, embetha kweso sisu, esipikica ngeminwe, emthuka emfanisa nenkunkuma. Wagqibela ngokumlahla kwesinomhlwa, watshata nentombazana egama linguNomatshawe, newayeyibiza ipikoko. Kobo busuku bumnyama bungenanyanga, uNomafa wacholwa nguZinzo, umfo kaQadi. Wamamkela neso sisu enyanga zisibhozo ekhulelwe. Wagqibela emtshatile, emenze inkosikazi yakhe. KwaQadi uNomafa wamkelwa enosana olubomvu. UZinzo wamthatha njengonyana wakhe uBhongo. Wamenzela amasiko akwaQadi, wamkhulisa, wamfundisa de waba ngugqirha. UBhongo akufikelela kwithuba lokwaluka, waluswa kwaQadi. Naye wayengazi nto ngoDlangisa onguyise wenene. Yiyo loo nto uNomafa esithi uDlangisa ngathi akalazi isiko. Kaloku lo mntwana njengoko wamkelwa kwaQadi, wenzelwa onke amasiko akhona, unguQadi nozwane. UDlangisa yena unengxaki yokungafumani bantwana kwinkosikazi yakhe yebhongo, ngoku ufuna ukuzenza utata kaBhongo. Amalungelo akhe wawalahla mhla wamkhanyela lo mntwana engekazalwa nokuzalwa.

(10)

3.1.2 Kwathi akuqonda uDlangisa ukuba akananzala unkosikazi wakhe, waqala wakhumbula indlalifa yakhe ekhuliswa nguZinzo. Wamana esenza amabhunga nenkosikazi kaZinzo, uNomafa, efuna babuyelane. Wakhaba ngawo omane amanqina uNomafa. Wagqibela ephume egusheni uDlangisa esithi ufuna umntwana wakhe. Kulapho ke uNomafa wamxelela zagcwala ukuthi lo mntwana athetha ngaye akangoDlomo, nguQadi nozwane. Akazange azamkele ezi ndaba uDlangisa, waqala ukuchukela uZinzo, umyeni kaNomfa. Wayedla ngokutsho ngezenyeliso ezibi xa ambona enkonzweni nasemifihlweni. Njengoko wayeligosa lenkonzo, wayedakasa kula maqonga afumana ithuba lokuthukana nalo Zinzo. Into ebuhlungu uZinzo wayengenalo nofifi lwale nzondo kaDlangisa ingaka. UNomafa akazange ade ayithethe inyaniso kuye. UDlangisa wayesithi uZinzo sisinunza-nunza someli wabo esigqibela izinja amathambo. Maxawambi ambize ngomqiqibala weqaba elithi lisakufundisa lizibone nalo selikhucuke imbola, lingugqirha. Lwaqhubeka ke olu ngquzulwano phakathi kwabo. de ngaminazana ithile wadikwa uZinzo wamfuna esiqwini. Kwanceda uMnu. Mpahla ngokubalamla. Naye ke uZinzo waluqhubela phambili olu ngquzulwano ngokuthi afune ukushishina ngotywala kwivenkile kaMpahla nesetyenziswa nguDlangisa.

UDlangisa ke ngumfo onomona ongafuni ukubona omnye umntu ephumelela, ingakumbi uZinzo. Ivenkile yokuqala kaZinzo yatsha ngondlela mnyama- kwathi ke akuvuma uMpahla ukuyinika uZinzo ivenkile leyo, wathumela ootsotsi bakhe kwakhona uDlangisa ukuba bayitshise. Wabayalela nokuba baye kuqhekeza kwaZinzo ukuze bathwale inkosikazi yalapho bayise kwenye yeehotela zelo Kapa. Waya esikhululweni samapolisa wafika watyhola uMpahla noZinzo ngokutsha kwevenkile leyo. Wachwechwela uBhongo esiya kumxelela ukuba ungoyena tata wakhe, hayi laa nja inguZinzo izalelwa ngamanye amadoda. Kwathi kanti kumhla kwavela inyaniso. Wabanjwa uDlangisa nguPozina, umnakwabo Nomafa. Kwakukudala emfuna kakade umntu owangcungcuthekisa udade wabo kwelo Kapa. (20)

**[30]**

**OKANYE**

3.2

3.2.1 NguZinzo. (1)

3.2.2 NoDlangisa. (1)

3.2.3 Bayaxabana / bafuna ukulwa. (1)

3.2.4 NguVuyisile. (1)

3.2.5 Agqibe ekubeni umfundisi makaye kungcwatyelwa emaXhoseni. (2)

3.2.6 Kwamfundisi uNtlane. (1)

3.2.7 Ngowokufihla / ukungcwaba umfundisi. (1)

3.2.8 Sikhumbuzane ngeendawo esazalelwa kuzo / imvelaphi yethu. (2)

3.2.9 Uthetha noNomaTshawe. (1)

3.2.10 KwaDlangisa / emzini kaNomaTshawe (1)

3.2.11 Ngumfundisi uNtlane. (1)

3.2.12 Uthetha ukuthi ukhethe kakuhle / uqiqe kakuhle phambi kokuba akhethe. (2)

3.2.13 Ngumntu ongayanga esikolweni / ongafundanga. (1)

3.2.14 NguZinzo. (1)

3.2.15 NguNomaTshawe noDlangisa. (2)

3.2.16 Kungokuba bangabantu abanemali, abangaswele nto nabaziphokamisileyo. (2)

3.2.17 Babeza kuya kumela ulutsha lwebandla labo. (2)

3.2.18 Usisisebenzi seli khaya. (1)

3.2.19 EKapa eNyanga. (2)

3.2.20 A. Ngabantu abazinxilelayo basebenzisa utywala nezipirithi. (2)

B. Zizikrelemnqa ezithubelezisa imali yeziyobisi. (2)
**[30]**

## ICANDELO C
## INOVELI

### UMBUZO 4

***Etshatile engatshatanga*** **: S.C. Satyo**

4.1
Nanzi ezinye zeengongoma ezinokulindeleka kwimpendulo ehluzekileyo.

A. Esi sicatshulwa siqulethe itayitile yale noveli "Etshatile engatshatanga". Sizalana kakuhle nomxholo weli bali kuba uYoliswa wazabela uSimeli, wafunga esithi ngowakhe nokuba utshatile okanye akatshatanga. Umnumzana Simeli Sixaba kwakuyindoda enesidima, eyinqununu kwesinye sezikolo zasePitoli.
Apha kweli bali sihlangana naye engumphathi kwiqela eliphonononga amaphepha eemviwo zebanga lesiBhozo. Inkosi le yayisebenza kakuhle kakhulu neqela layo kwicandelo lamaphepha olwimi lweenkobe. Wayehlonelwa liqela lakhe, naye ebahlonela abantu asebenza nabo. Kwakulawula ucwangco, uxolo nolonwabo kwelo gumbi babesebenzela kulo. Wayenenkosikazi egama linguNokwanda, bebabalwe ngamakhwenkwe amabini. Nasemzini wakhe kwakonwatyiwe lusapho luphela. Kungekho nto ingancomekiyo kubomi balo mfo wakwaSimeli. Izinto zaqala ukuguquka mhla kwafika amanenekazi amabini kwiqela lakhe, ngeenjongo zokucela umsebenzi. Phakathi kwawo kwakukho uYoliswa intombi yaseKapa, kwaLanga.

UYoliswa ke linenekazi laseKapa elihle kunene. Intokazi itsho ngeenwele ezinde ezintle, ezibetha emagxeni. Ingumntu ozithandayo noyithandayo impahla. Wafika enxibe kakuhle kakhulu etsho ngeebhengele zesilivere, nemthombothi yesiLungu enuka kamnandi. Emile kakuhle kakhulu, efanelwa yimpahla. Ekufikeni kwakhe wasigungqisa sonke isipani sikaSimeli ngenxa yobo buhle bakhe. Ngosuku olulandelayo uSimeli wakha wazuza ithuba lokuhamba noYoliswa basa amaphepha ePitoli. Kulapho waphawula ukuchubeka kwengqondo yakhe. Wayengenakuzinceda umfo wasemzini, wayethabatheke mpela leli nenekazi linomtsalane omangalisayo. Kwacaca ukuba nalo lithabathekile nguSimeli, bavumelana ngezothando kwalapho kolo hambo lwabo.
Egumbini lakhe uYoliswa wancokola noNomvelelo ongomnye abasebenza naye. UNomvelelo akuba efumanisa ukuba uYoliswa selevume uSimeli, wazama ukucebisa kuba embona ngathi usemncinane, emxelela ukuthi uSimeli unenkosikazi nabantwana.

Wothuka wakhamisa ng' a akuva iimpendulo zikaYoliswa. UYoliswa lo wayengafuni nokuzibona iintanga zakhe, efuna la madoda madala nanemizi yawo. Wafa namthanyana ke uNomvelelo, phofu naye bethu ephethwe nalikhwele kuba wayezincwasele apho kuSimeli, koko uSimeli engazange ade amse so tu, de waxhwilwa nguYoliswa. Noxa uYoliswa wathandana noSimeli emazi ukuba utshatile, wajika njengotywala esiswini kuSimeli, sele engasakhathalelanga naloo nkosikazi yakhe kakade. Wayezifake zatshona iinzipho kulo mfo. Imali yakhe wayeyibiza ngathi uyayiboleka, angake atsho ukuyibuyisa. Wayesele enesifo samagxa engafuni nokuva xa uSimeli esiya emzini wakhe. Wayenazo nezimbo zokufaka iwigi neeglasi zamehlo ezimnyama, aye kuzigqithisa ngasemzini kaSimeli, efuna ukubona ukuba mhle kangakanani na uNokwanda kunaye? Wayexakene nento uSimeli kuba nasemzini wakhe lwalungasekho ulonwabo ngenxa kaYoliswa owayenesibindi sokutsalela uNokwanda iminxeba, afune uSimeli kuye. Wayesele egqibile ukuzenza inkosikazi yesithembu, phofu engayekanga ukubuza ukuba uya kulahlwa nini na lo omnye?
Liyinene elithi "Inye indoda awayezabele yona yayinguSimeli, etshatile engatshatanga".

Ekuhambeni kwethuba wadikwa uSimeli zizenzo zikaYoliswa, ngakumbi esokugqiba imali yakhe. Ngenye imini wabiza imali yakhe kuYoliswa engama R500-00 newayeyibolekile. Wothuka uYoliswa kuba kaloku yena wayengalindelanga ukuba angatyala uSimeli. Wavakala esithi uza kuya kuyizama loo mali. Kulapho uSimeli wambuza ukuba kanti uyarentisa na? Etsho esithi naloo rente yakhe iphakeme. Wadana uYoliswa kukuthukwa ngumntu ebemthanda, waqoqa iimpahla zakhe wabuyela kwelakowabo eKapa. NoSimeli wasala ezibuza ukuba wayengenwe yintoni na kakade ukuzinganga ngosana olubomvu akugqiba ukuba nomzi wakhe? Kwamcacela ukuba uYoliswa lo wayesemva kwemali yakhe. Eyona nto yayibuhlungu ngaphezu kwazo zonke yayiyeyokumxabanisa nosapho lwakhe, kuba wayezifunela uSimeli etshatile, engatshatanga. **[30]**

**OKANYE**

4.2

| | | |
|---|---|---|
| 4.2.1 | NguSimeli. | (1) |
| 4.2.2 | Babekorekisha amaphepha eemviwo. | (1) |
| 4.2.3 | EPitoli eSoshanguve. | (2) |
| 4.2.4 | NguYoliswa. | (1) |
| 4.2.5 | LiseKapa kwaLanga. | (2) |
| 4.2.6 | Sesokuba ngumphathi weqela elo likorekishayo. / Yinqununu. | (1) |
| 4.2.7 | Wayelele emzini wakhe. | (1) |
| 4.2.8 | Wayenama – 22. | (1) |

4.2.9 NguSimeli. (1)

4.2.10 NguNokwanda. (1)

4.2.11 Zezokuba lithandana neQheyakazi laseKapa. / Lithandana noYoliswa. (2)

4.2.12 Hayi alizange lizithethe. Lathi lakufikelwa bubuthongo, lashwantshatha izinto ezingavakaliyo. Yasondeza indlebe inkosikazi ifuna ukuva ukuba lithini kanye? Kulapho lothuka khona laphaphama, lafuna ukwazi ukuba imchwechwela ifuna ukwenza ntoni inkosikazi le? Yona yathi ive konke okuthethwe liduna eli ngelixa beliphupha liphumisela. (3)

4.2.13 USimeli ubekhe waxambulisana kakhulu noNokwanda kuba uNokwanda eve iindaba zolwimi ezenziwa ngowakwakhe emsebenzini. Wona uSimeli ngokuthi uNokwanda angabokumlinda xa ediniwe, abolala. Kwathi kanti akavumisanga kuba uNokwanda wafuna ukwazi ukuba ngelixa yena aleleyo uSimeli uza kusala esenza ntoni na? Emva koko walila ubusuku bonke oku komntu onesiphoso. (3)

4.2.14 Uthetha noYoliswa. (1)

4.2.15 Ehotela esePitoli. (1)

4.2.16 Uthetha ukuthi uthengisa ngomzimba. (2)

4.2.17 UYoliswa uthanda imali gqitha, akaneliswa yile ayiphiwayo nguSimeli, uhlala eboleka iimali ezinkulu apha kuSimeli, kube nzima ukuzibuyisa xa zifunwa. Enye into akakwazi ukwahlulela phakathi kwemali ayiphiwayo naleyo ayibolekwayo. USimeli wayefuna imali yakhe engama R500 neyayibolekwe nguYoliswa lo, wathi uYoliswa uza kuya kuyizama nokuba uyifumene njani na? (3)

4.2.18 NguNokwanda. (1)

4.2.19 Zaba kukwahlukana kwabo. UYoliswa wapakisha impahlana yakhe wabuyela kwelakowabo. Ngelixa uSimeli wayesele ezikhotha amanxeba ebuyela emzini wakhe. (2)

**[30]**

**[30]**

**100**